Isalathiso: 20200715-7007
Inombolo yefayili: 3/3/2/4/3
Imibuzo: IZiko leeFoni

ISetyhula: 0021/2020
Umhla wokuphelelwa: 31 Disemba 2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlukulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli (kwaNdlukulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe nakwiNqununu

Isishwankathelo esifutshane: *Ukwandiswa kwethuba lexesha lokusetyenziswa kweentsuku zekhefu lonyaka ezingasetyenziswanga ngenxa yokuphelelwa kwazo ekupheleni komjikelo weenyanga eziyi-18 wangoku (30 Juni 2020).*

Isihloko: Ukwandiswa kwethuba lexesha lokusetyenziswa kweentsuku zekhefu lonyaka ezingasetyenziswanga ukulungiselela abasebenzi benkonzo karhulumente ngokweSigqibo 1 se*PSCBC* sika-2020

1. Ukwenzela ukuba kuthathwe amanyathelo afanelekleyo okumelana nengxaki kabhubhane i-*COVID*-19, uMongameli weRiphabliki yoMzantsi Afrika wabhengeza ubhubhane i-*COVID*-19 njengentlekele kazwelonke yaye ngenxa yoko, wamisela imiqathango yokumiswa ngxi kweentshukumo kuzwelonke ngokoMthetho wokuLawulwa kweNtlekele, 2002 (*Disaster Management Act*, 2002) (uMthetho 57 ka-2002). Lo gama ukwenziwa kweenkonzo zikarhulumente kungakhange kumiswe, kuqatshelwe ukuba ithuba lokumiswa ngxi kweentshukumo lenzeke ngexesha elinye nethuba lexesha lokuxoleleka xa kugqithe ixesha elimisiweyo kumjikelo wekhefu lonyaka ka-2019 ophelelwa nge-30 Juni 2020.

2. Ngenxa yesi sizathu, kwenziwe amalungiselelo ethuba **lakanye kuphela** ukulungiselela iinjongo **zomjikelo wekhefu lonyaka ka-2019** phakathi kweSebe leNkonzo kaRhulumente noLawulo (*Department of Public Service and Administration*) kunye nemibutho yabasebenzi nge*Public Service Coordinating Bargaining Council (PSCBC*). Ngoko ke iSigqibo 5 se-*PSCBC* sika-2001, somhla we-27 Julayi 2001, sifakelwa izilungiso ngeSigqibo 1 se*PSCBC* sika-2020 (*PSCBC Resolution* 1 2020), somhla we-29 Juni 2020 ngolu hlobo lulandelayo:

2.1 Amaqela achaphazelekayo, njengamalungiselelo ethuba elinye kuphela, ayavumelena ukwenzela iinjongo zomjikelo wekhefu lonyaka ka-2019, ukuba –

2.1.1. isiqendu 7.1(d) seSigqibo 5 sePSCBC sika-2001 masitshintshwe apha naphaya ukulungiselela umjikelo wekhefu ukwenzela ukuba sifundeke ngolu hlobo lulandelayo:

"Iintsuku ezishiyekileyo zekhefu elingasetyenziswanga zomjikelo wekhefu lonyaka ka-2019 kufuneka zisetyenziswe kwithuba lexesha eliphakathi kweenyanga eziyi-24. Ithuba lexesha eliziinyanga eziyi-24 liya kuphela nge-31 Disemba 2020. Zonke iintsuku zekhefu ezishiyeke zingasetyenziswanga zomjikelo wekhefu lonyaka ka-2019 ziya kuphelelwa emva koku. Nokuba kunjalo, xa ikhefu elifanelwe kukuthathwa lingathathwanga ngenxa yeemfuno zokwenziwa kweenkonzo zomqeshi, ikhefu elinjalo kuya kufuneka libhatalwe ekupheleni kwethuba lexesha leenyanga eziyi-24."

3. Ukusetyenziswa nokulawulwa kweentsuku zekhefu lonyaka ezingasetyenziswanga kumjikelo wekhefu lonyaka ka-2019 kuya kuxhomekeka kwimiqathango ekhoyo elawula ikhefu lonyaka kwinkonzo karhulumente ngokweMimiselo *Determination and Directive on Leave of Absence in the Public Service,* yangoJuni 2018).

4. Kucelwa wazise oku kule setyhula bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2020-08-04